Izwi LoMqondiso

Enkosi. Singa singaqhubeka simile okwethutyana, ngelixa sifunda iLizwi, siye ngqo eLizwini ngobu busuku, ukuze singathathi okuninzi kwexesha. Ndifuna nityhile nam, ngobubusuku, kwiNcwadi ye-Eksodus, kwaye siqale ngesahluko sesi-4 seNcwadi ye-Eksodus.

> *Waphendula uMoses wathi, Kodwa, uyabona, abayi kundikholelwa, abayi kuliphulaphula izwi lam: kuba baya kuthi,* uYehova a*kabonakalanga kuwe.*
>
> *Wathi* uYehova *kuye, Yintoni na loo nto isesandleni sakho? Wathi, Yintonga.*
>
> *Wathi, Yiphose emhlabeni. Wayiphosa emhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka uMoses.*
>
> *Wathi* uYehova *kuMoses, Solule isandla sakho, uyibambe ngomsila. Wasolula isandla sakhe, wayibamba, yaza yaba yintonga esandleni sakhe:*
>
> *Ukuze bakholwe ukuba* uYehova *uThixo wooyise, uThixo ka Abraham, . . . uThixo ka-Isake, . . . ka Yakobi,* u*bonakele kuwe.*
>
> *Waphinda* uYehova *wathi kuye, Khawusifake ngoku isandla* sakho *esifubeni sakho. Wasifaka isandla sakhe esifubeni sakhe: akusirhola, naso* sineqhenqa *njengekhephu.*
>
> *Wathi, Sibuyisele isandla esifubeni* sakho *kwakhona. Wasibuyisela isandla sakhe esifubeni kwakhona; wasirhola esifubeni sakhe, naso, sa . . . sajika kwakhona saba njengenyama yakhe.*
>
> *Kuyakwenzeka, ukuba abakukholelwanga, abaphulaphula* nakulo i*zwi lowokuqala umqondiso, bakholwe lilizwi l*owesibini *umqondiso.*

2 Masithobise iintloko zethu. Kwaye ngeentloko zethu zithotyiwe, neentliziyo zethu, ngokunjalo, andazi ukuba kukho nabani apha ngobubusuku onezicelo ngomthandazo? Ningayazisa njengoko niphakamisa izandla zethu. UThixo aninike izicelo zenu.

3 Bawo wethu waseZulwini, sikucingela oku njengenyhweba, yokuza kuWe ngomthandazo, sisiza eGameni leNkosi uYesu. Kwaye sithenjisiwe nguYe, okokuba xa sicela nantoni eGameni Lakhe, iyakunikezwa. Wena wazi isidingo sakhe ngamnye kuthi. Uyazi izandla zethu zimele ntoni njengoko ziye zabheka phezulu. Ndiyathandaza, Bawo, okokuba Uyakuphendula ngasinye isicelo ngobubusuku. Fumana uzuko.

4 Kwaye ngoku yenza uMfundisi omkhulu weLizwi, uMoya oyiNgcwele, wehlele phezu kwethu, ngobubusuku, kwaye utyhile Yena kuthi, kwaye—kwaye Uzazise kuthi, ngabo u—ubungqina bovuko Lwakhe. Wanga Angeza phakathi kwethu, ngobubusuku, Nkosi, uze—uze utyelele intliziyo zethu. Thetha kuthi ngezinto Azithembisile ngale mini. Anga aMazwi athe athenjiswa ngale yure angabonakaliswa phambi kwethu, ukuze sibe nokuphumla ngengqiniseko, kweli likhulu ukubanzima ixesha Othe liyakuza phezu komhlaba, ukubalinga bonke abantu. Kwaye eneneni ifike kwela xesha, Bawo, xa abantu belingwa. Kwaye kukho ezininzi indlela, de kungabikho bani waziyo amakakwenze. Kodwa, Nkosi, ndiyathandaza ukuba Uyakwazisa kuthi, ngobubusuku, okokuba Ulapha kwaye unathi, Ilapha ukuza kusinceda. Nikeza izicelo zethu, kuba sicela eGameni likaYesu. Amen.

Hlalani.

5 Ndibenokuba semva kwexeshana ngabusuku ngabunye. Kwaye ndiqhubeka ndicinga nga*lo*mboko, kodwa ungomnye kushicilelo. Kodwa lo *apha*, ndiyacinga, nguwo endifanele ndimamele, okanye ndithethe kuwo.

6 Ngomso ebusuku bubusuku betheko, ke sanukulibala. Ndicinga bu . . . Ndiyaqikelela ibipapashiwe, apho abantu banokuya khona.

7 Ngokuqinisekileyo siyayincoma intsebenziswano yenu kwizinto ezinkulu ethe iNkosi yethu yazenza.

8 Ngoku, ngobubusuku, ndicinga ukuba, ngaphandleni kokuba siyalazi iLizwi likaThixo, asazi emasikwenze. Asinakuba nakholo side sibe siyazi yintoni intando kaThixo. Kwaye, yintoni, emva koko ukuba siyazi yintando kaThixo, iLizwi likaThixo litsho into, ngoko singakulandela oko ngovuyo.

9 Ngoku ukuba iNkosi uYesu yayihamba apha, ngobuqu, emhlabeni ngobubusuku, enyameni yomntu, ize Ithi, "Ngomso iyakuna, imini yonke," ngoku ibiyakuba lula kakhulu kum ukuthabatha i-ambrela xa ndisimka kusasa, ngokuba Uyitshilo. Ngoku, ukuba Akayitshongo, andazi ngoko ndingajonga entwenini. Ke leyo yindlela eyiyo, kuyo yonke into esiyenzayo, sifuna ukwazi iyure, isigaba esiphila kuso.

10 Kwaye kwabaqala ukuza, ngale veki sizamile ukubonisa ukuba uThixo, ukusukela ekuqaleni, wasazi isiphelo. Oko kumenza Ongenangqibeko. Ukuba Akanguye ongenangqibeko, ongenangqibeko, AkangoThixo. Kwaye kufanele Ogqibelele emandleni, okho ndawo zonke, owazi konke, nogqibeleleyo emandleni, ukuze abe nguThixo. Oko ngawo onke amandla, wazi zonke izinto, ekuzo zonke iindawo, kwaye—kwaye—kwaye wazi isiphelo ekuqaleni. Ukuba Akwenzi njalo, ngoko AkangoThixo.

11 Ke akukho nto ingalungiselelwanga. Sithi. Kodwa akhonto kwiLizwi likaThixo; ibetha nje ngewotshi. Kwaye xa laa

yure ifika ukuba yona yenzeke, iLizwi elibekelwe esasigaba, liyenzeka. Singacinga iya . . . ayizukwenzeka. Ngamanye amaxesha iyenzeka kwaye singayazi. Watsho uYesu, ngelinye ixesha . . .

12 Bathi kuYe, "Kutheni i—i . . . bonke ababhali batshilo ukuba 'u-Eliya ufika tanci'?" Yabona, ngoku, babekholelwa oko. Bakholelwa ukuba u-Eliya wayesiza.

13 Kwaye uYesu wajonga kubo, wathi, "U-Eliya selefikile, kwaye animazanga." Yabona? Ngoku, jonga, yabagqitha kanye kubo ababhali, abalungiseleli, abafundi. Kwaye yayinguYohane umBhaptizi, kwaye uza ngayo yonke indlela athe u-Eliya awayefanele eze, kodwa zange bamqonde.

14 Kwaye ngoku sifanele ukuqonda iyure esiphila kuyo, nexesha esiphila kulo. Phezu koko, ndifuna ukuthetha ngobububusuku nge: *Izwi LoMqondiso*.

15 Umxholo ongaqhelekanga, nakuba kunjalo uThixo wenza izinto ngendlela ezingaqhelekanga. Yiloo nto emenza Yena uThixo, ngokuba U—Ungaphezu kwendalo. Kwaye yonke into Ayenzayo, U—Uyayenza, Angayenza ngendlela engaphezu kwendalo, ngokuba Ungaphezu kwendalo.

16 Ngoku, *Izwi LoMqondiso*. Kwaye iyi . . . Kukho izwi kumqondiso emqondisweni. Kukho izwi egazini. Igazi lithetha lisuka emhlabeni, kwaye—kwaye njalo njalo, "Igazi lelungisa lika Abel lithetha ngokuchasene noKayin." Kwaye iBhayibhile ithe, "IGazi *lika*Yesu Kristu lithetha izinto ezinkulu kunegazi lika Abel lenzayo."

17 Ngoku indawo yethu ngobububusuku, okanye umboniso wethu, uvula kwi Eksodus. Kwaye ixesha le Eksodus lixesha lokubizelwa ngaphandle, kwaye i-eksodus yayifikile.

18 UMoses, isicaka seNkosi, wayebizelwe e—emsebenzini. Kwaye ekwenzeni oko wayekucinga, wayefunde kakhulu eYiphutha, efunde bonke u—ubulumko bamaYiphutha, kwaye kukhangeleka wayene—nendlela, ethi ekubeni enguchwephesha wezomkhosi, okokuba wayenakho ukuhlangula abantu bakhe phantsi kwembophelelo, ngokuba wayenguFaro olandelayo. Kwaye okunjani ukuba lula kuye ukwenza oko. Kodwa, uyabona, ukuba oko ibiyingxaki, ngoko ibiyakuba yinto yendalo.

19 UThixo akathabathi izinto zendalo. Uthatha izinto ezingaphezu kwendalo ukuzibonakalisa Yena.

20 Ngoko kumashumi amane eminyaka emfundo, eyona iphakamileyo awayenokuyifumana, nokungcono awayenokukufumana, ongcono umfundi wemfundo weyokuba nguye; nokuqonda okusuka kunina, umqeqeshi wakhe, okokuba wayezakuba ngulowo uyakuhlangula abantu; kwaye waphuma ngamandla okuqonda kwakhe, wabulala umYiphutha. Kwaye,

ukususka apho, wafumanisa ukuba imigudu yakhe yasilela, waza emva koko wabaleka entlango.

21 Kwaye enjani iYiphutha, emfundweni, yafaka kuye eminyaka imashumi mane, kwamthatha uThixo eminye emashumi mane iminyaka ukuyikhupha kuye, yabona, ke wayengenakuthembela kwimiqathango yakhe yemfundo. Wayeyakuthembela kokungaphezu kwendalo.

22 Kwaye ngoku ixesha lalifikile awathi uThixo wenza isithembiso, ku Abraham, amakhulu amane eminyaka phambi kwelo xesha, okokuba imbewu yakhe yayiyakuphambukela kumhlaba wasemzini, kwaye iyakukhutshwa. Emva kweminyaka emashumi mane, iyakukhutshwa ngesandla esithe nkqi. Wayeyakubahlangula abantu bakhe ngesandla esithe nkqi. Kwaye xa ixesha lesithembiso lasondelayo, kuxa uThixo wabeka uMoses embonakalweni. UMoses, ekusileleni kwakhe ngokugqibeleleyo, waya entlango.

23 Ngoku umzekelo apha, kukho umzekelo omangalisayo esithi ngokuqinisekileyo singafuni kuwuphosa. Yabona? Uzekelisile, uThixo wayezisa uSirayeli, abantu Bakhe, ebakhupha, isizwe, isizwe esizweni. ISizwe sikhutshwa esizweni, umzekelo omhle wanamhlanje, okokuba uThixo ubiza uMtshakazi Wakhe emkhupha ebandleni, uMtshakazi wobuKristu emkhupha kwibandla lobuKristu, uMtshakazi Bandla emkhupha ebandleni, ebizwa, eBhayibhileni, ekubhekiselelwayo kuyo.

24 Ndinemibhalo emininzi neZibhalo ezantsi apha, kwesi sifundo ngobubusuku.

25 Ibizwa, ngamanye amaxesha, “Abanyuliweyo, Abakhethiweyo, okanye Intsalela yembewu yomfazi.” Yayibizwa, “uMtshakazi,” oko uThixo, ngolwazi Lwakhe lwangaphambili, wanyula ukuba kube njalo. Oko kukuthi, uMtshakazi uza ephuma ebandleni. Yabona, yonke into libandla, kodwa uThixo ukhuphela ngaphandle abantu kwela bandla, njengoMtshakazi. Wathi Uyakuyenza. Kwaye Wayenza, qwalasela, okanye Uyakuyenza.

26 Qwalasela, jonga Wayenza njani, nendlela Awayenza ngayo. Sifuna ukujonga koku ngoku, njengoko Wakhupha uSirayeli, Wenza njani, kunye nendlela A—Awenza ngayo.

27 Qwalasela xa ixesha leLizwi lesithembiso kwakufanele lizaliseke, uThixo wabiza uMoses, ngomiselo lwangaphambili, waza wamonyulela lomsebenzi. Yabona? UThixo wasoloko enomntu endaweni, exesheni. Akukho nto isilelayo kuThixo. Wayitsho; ayinakusilela. Ukuba isilele, ngoko uThixo usilele, kuba uThixo liLizwi.

28 Qwalasela, ngoku, iLizwi kwafuneka libonakaliswe. Kwaye xa iLizwi kwakufanele libonakaliswe, lesithembiso, uThixo wasoloko ethumela umprofeti ukubonakalisa esa sithembiso, ngokuba iLizwi leNkosi liza kuye.

29 UMoses, wanyulelwa kwangaphambili ukwenza lonto, wabizelwa emsebenzini. Akukho namnye onokuwenza.

30 Xa uThixo e—ebizele umntu emsebenzini amakawenze, akukho namnye onokuthatha indawo yakhe. Akukho namnye onokuthatha indawo yakho, ukungaqheleki kwakho.

31 Kukangaphi ndimangaliswa, indlela ebendiyakuthanda ngayo ukuthatha indawo ka Oral Roberts, indlela ebendingathanda ngayo ukuthatha indawo kaBilly Graham, umntu onjengalowa. NjengoBilly Graham, ndithethe nesihlwele sabantu, ndibizele aboni esiguqweni; ndilibale ndigoduke, kungafuneki ndime phaya ndizamazamane kwakhona. Andinakuba nguBilly Graham, kodwa naye uBilly Graham akanakuba ndim. Sobabini . . . Andinakuba ngu Oral Roberts; u-Oral Roberts akanakuba ndim.

32 Wena, ngamnye, ukubutyebi bukaThixo, nje okwendawo yabo. Omnye uzila lonke ixesha aze anxibelelane noThixo, ngelixa omnye ekhupha amadimoni ngokuba lona yena uzilile. Kodwa nguMzimba wonke kaKristu usebenza ngokuhlangeneyo, ubumbano. Xa sibona le yantlukwano yamahlelo esichithachitha, oko koko kuvisa kabuhlungu intliziyo yam, yabona, ngokuba yilonto esahlukanisayo. Sibanye.

33 Akukho bantu bakhulu phakathi kwethu, akukho bantu babalulekileyo phakathi kwethu. Siyinto enye sonke. Singabantwana bakaThixo. Mnye kuphela phakathi kwethu omkhulu, kwaye lowo nguKristu. Kufanele simqaphele Yena. Kwaye ukuba sifuna uzuko, omnye komnye, asinakuba nakholo, ngokuba sinokholo omnye komnye. Kufanele sibe nokholo kuKristu. Yena nguLowo phakathi kwethu ekumelwe kukuba sibe nokholo, kwaye sibe nokholo koko Akwenzayo nasinike kona.

34 Ngoku, akukho bani owayenokuthatha indawo kaMoses. Akukhathaliseki ubaleka kangakanani, kwaye nokuba uzama kangakanani ukumka kuyo, kodwa uThixo uyazi Akwenzayo. Wazi nje oko Afanela akuthathe aze enze uMoses. Ezi zinto kufanele zenzeke. Ngoku, qaphela, akukho mntu onokuthatha indawo yakhe.

35 Ngoku qaphela. UThixo wamnika umqondiso, ukubonakalisa ubizo lwakhe nebango, xa wehlela eYiphutha.

36 Ngoku, uThixo wasoloko enika umthunywa umqondiso, kunye nezwi lalaa mqondiso. Kwaye laa mqondiso uqondakalisa indoda, ukuba ibhaliwe eSibhalweni.

37 NjengoYohane wathi, “Ndililizwi lalowo udandulukayo entlango.”

Bathi, “UnguMesiya?”

38 Wathi, “Andinguye uMesiya. Kodwa ndililizwi lalowo udandulukayo entlango, njengoko umprofeti u-Isaya watshoyo.” Wayenakho ukuziqondakalisa ngokuselubala.

39 Kwaye ngoku, ngoko, koko, sifumana ukuba uThixo, wasoloko, zange waguqula indlela Yakhe yokwenza nantoni. Akanakuguquka. UThixo wenza yonke into nje ngohlobo olunye, xa E—Ebeka inkqubo Yakhe ngokuhlangeneyo.

40 Njengoko nditshilo ngobunye ubusuku, Wenza isigqibo sasinye, umntu kufanele asindiswe ngeGazi eliphalaziweyo laLowo umsulwa. Sizame yonke into engenye, ukwenza umntu asindiswe. Sizame ukumsa kwindawo apho sakhe khona isixeko, uNebhukadnetsare wenza njalo. Kwaye bakha inqaba enyukileyo, uNimrod wayenza. Benza umthetho. Kwaye baba neetempile. Baba namabandla. Baba nemibutho. Baba nenkqubo zemfundo, inkqubo zobuhlelo, bezama ukusa umntu kuThixo. Yona, lonke isuntswana layo, lasilela. Iyakusoloko isilela. Ibuyela ngqo emva kwiGazi eliphalaziweyo!

41 Indlela kaThixo yokwenza nayiphina nto ithethwe eLizwini Lakhe. Kwaye eli Lizwi sisityhilelo sisonke sikaYesu Kristu, akukho nto ifanelwe ukongezwa kuLo okanye isuswe kuLo. “Nabani na okwenzayo oko,” iBhayibhile ithe, “isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yeMvana yoBomi,” ukuba uyongeza nantoni okanye wathatha nantoni kuLo. Lithathe nje Lona ngendlela eLibhalwe ngayo.

42 IBhayibhile ayidingi nalunye utoliko lwaLo, uThixo Ungozitolikela Ngokwakhe. Ulitolika Lona ngokwenza oko Akuthethileyo kwenzeke. Oko kugqibile. Ukuba uThixo uthe, waza Wayenza, kugqibekile. Ayidingi mtoliki. IBhayibhile ithe, “Alilokuzitolikela.”

43 Indlela kaThixo yokuyenza! Wasoloko enyanisekile kumqondiso Wakhe awuthumeleyo, Uyawulandela ngeZwi Lakhe; lonke, sukela, ekubeni uThixo wathumela umqondiso emhlabeni. “Ngoku uThixo zange enze nto,” iBhayibhile ithe, “kude kuqala Ayibonise kubakhonzi abangaBakhe abaprofethi.” Ngoku oko, wena . . . Ukuba oko akulunganga, ngoko konke okwayo akulunganga, yabona. Akazange enze nanto de abe Uyibonakalisile.

44 Kwaye leyo yimboni, umprofeti, kufanele aqondakaliswe, okokuba oko akuprofetileyo, siyafumanisa kwiNumeri 12:6, okokuba oko akutshiloyo kuyenzeka. Ngoko, yikholelwe. Kodwa ukuba ayenzeki, ngoko sukuyikholelwa. Kwaye kunyanzelekile yeyoko, eYakhe . . . Akukhathaliseki utsho kangakanani, kwaye iyenzeka, nantoni na; ukuba ayikho ngokweLizwi, ngoko ise yengalunganga. Ifanele ibe neLizwi. Kufanelwe ibekwe ngocwangco ngeLizwi lomqondiso welo xesha, ixesha abaphila kulo.

45 Ngoku, oko kwenzeka ngoThixo, okokuba Wayezakuhlangula abantu Bakhe ngengalo ethe nkqi. Ngoku, xa eli Lizwi, zange Abize mbingeleli, zange Abize rabhi, zange Abize qumrhu. Wabiza umalusi, phandle entabeni, obalekileyo, ozelweyo, onyulwe kwantlandlolo umprofeti owayengawufuni lo msebenzi.

46 Xa usiva abantu benqwenela ukuba k*oku*, *okuya*, okanye *okunye*, into ethile, qaphela nje, uThixo akazange abasebenzise. UThixo kwafuneka azingele uMoses, ukuba amfumane. Kwafuneka azingele uPawulos, ukuze amfumane. Yena . . . Yindoda engafuni kuyenza, abafuni zinto; ngoko uThixo uthatha indoda, engayi kuyenza, ukuze Abonakalise uzuko Lwakhe ngayo.

47 Ngoku qaphela. Wonke—wonke onyanisekileyo othunyelwe nguThixo umqondiso ulandelwa lilizwi. Ngoku uyaqwalasela apha, isiqendwana ngu . . . ngumqondiso nelizwi. "Ukuba abasayi kukholelwa ilizwi lowokuqala umqondiso, ngoko bayakukholewa ilizwi lowesibini umqondiso." Ngoku, umqondiso unelizwi. Kwaye, ngoku, wonke owenyaniso othunyelwe nguThixo umqondiso unelizwi, kwaye ela lizwi kufuneka lithethe ngokweLizwi elinikezelwe ukwenzela loo mhla, kanye ngokuchanekileyo.

48 Ukuba elazwi liyeza, elidala elikwalinye izwi elidala ekwanye . . . Uyabona umqondiso, gxebe, kwaye umqondiso ethi indoda iwenze ungowengcinga yesikolo sakudala, ngoko ungatsho kanye ngoko, "Oko akusuki kuThixo," ukuba uqhubeka uqondakalisa ingcinga yesikolo esidala. Ayinakuyenza lonto. Ayizange. Iyakube ichasene nenkqubo kaThixo.

49 Ifanele ibe yinto ethile entsha. Ifanele ibe yinto ethile abangayiqondiyo abantu. Ine . . . okanye ibingayikuthunyelwa. Ayidingi kuthunyelwa, ukuba isikolo esidala semfundo yenkolo. Ifanele ibe yinto ethile eyahlukileyo, noko ifanele iqondakaliswe eLizwini, okokuba yeyaloo mhla. Yabona, ukulunga kweLizwi likaThixo, ifanele ibe koko. Akukho mahla-ndenyuka kuyo. Ifanele ibe yiNyaniso; ifanele ingqinelwe nguThixo, iNyaniso. Kwaye indoda eyithethayo ifanele ingqinelwe nguThixo, ukuba yimboni esuka kuThixo, okanye ayilunganga; abasokuze nkqu—abayiboni nkqu ukuyibona, konke, abayikholwa nkqu ukuyikholwa.

50 Imiqondiso i—isuka kuThixo. Umqondiso olandela . . . Okanye, izwi elilandela umqondiso kufanele libe lizwi likaThixo lithetha lisuka eLizwini, ukwenzela esa sigaba. Niyayiqonda? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

51 UThixo unika imiqondiso. Uyenzela ntoni lonto Yena? Wasoloko enika imiqondiso! Wabaxelela bona ukuba oko babezakuMkhangela khona, umqondiso. UThixo unika

imiqondiso ukutsala umdla wabantu Bakhe. Ngoku masifundisise oku, ngokucokisekileyo. Yabona, imiqondiso inikezelwa ukutsala umdla wabantu. Ngokuba, xa othunyulwe nguThixo umqondiso unikeziwe, uThixo ukulungele ukuthetha. UThixo ukulungele ukuthetha, xa umqondiso unikezelwe. Ukuba uphuma eZulwini, usuka kuThixo, kwaye uThixo ulungele ukuthetha kwaye Uzama ukutsala umdla wabantu.

52 Kwaye iLizwi liza kumprofeti Wakhe. Kwaye umprofeti uqondakaliswa ngomqondiso awubonakalisayo, uze emva koko uze eLizwini kwaye iLizwi liyabonakaliswa. Oko kuyigqibile; akudingi naluphi utoliko. UThixo seyeyitolikile. Yabona, igqibelele njengoko kuba inako.

53 Ngoku qwalasela, uThixo unikeza imiqondiso ukutsala umdla wabantu.

54 Apha, ityholo elivuthayo lalingumqondiso wokutsala umprofeti; ityholo elivuthayo. UMoses wayekho, kwicala elingemva kwentlango, esalusa iigusha, umalusi omdala, amashumi asibhozo eminyaka ubudala, iindevu ezinde; eqhubeka, esihla ngendlela eqhelekileyo endala, ngenye yentsasa eshushu, mhlawumbi. Kwaye emva koko, konke ngaxeshanye, nako kubakho ityholo likuMlilo, kwaye elatyholo zange liphele. Kuhle, konke kwakungaqhelekanga.

55 Ngoku, uMoses ekubeni engowenzululwazi, ntoleyo, awayifundiswayo kubo bonke ubulumko baseYiphutha, kwaye yayingosonzululwazi abakhulu kunokuba sinabo namhlanje; ke ekubeni ngusonzululwazi, kwakhangeleka ngathi wathi, "Ngoku ndiyakuhamba ndiyokujonga luhlobo olunjani loml- . . . lechiza elitshiviweyo kulamagqabi, okokuba laa mthi ungatshi." Yabona, ukuba wasondela kuyo ngendlela yobunzululwazi, Yayingasayi kuthetha naye.

56 Kwaye injalo namhlanje, xa sizama ukuza ngesikolo nangemfundo, ngendlela yobunzululwazi, uyakumphosa uThixo ngesigidi seemayile. Yiya njengoMoses, ngezihlangu zakhe zikhululwe; ukuthobeka, intobeko.

57 Kwaye, ngoku, kwakukho umqondiso wokutsala umprofeti. Ngoku, phaya, laa mqondiso kufanele ube nezwi. Kwaye xa elaa zwi lithetha, ukuba Lona belingayi kuba ngokweSibhalo, andikholwa ukuba umprofeti ebeya kuphulaphula kulo. Kodwa qaphela indlela elalingeSibhalo izwi elakhapha umqondiso, laqondakalisa ukuba yayinguThixo, ngokuba Wathi, "Ndizivile izincwino zabantu Bam, kwaye Ndisikhumbule isithembiso eNdasenzayo kubo." Yabona, umqondiso, emva koko lizwi elingokweSibhalo emva komqondiso.

58 Ngoku oko kubonisa kanye ngqo oko ndikwanduleleyo. Kufanele ibe ngumqondiso osuka kuThixo, kwaye, ukuba nguwo, kukho izwi elingokweSibhalo emva kwawo, ukwenzela isithembiso saloo mhla. Hayi isikolo esidala; oorabhi nezinto

beziqhubeka ngezikolo, okanye yonke into, konke, konke, ababingeleli, nanjalo njalo. Kodwa oko yinto ethile entsha, kwaye ingokweSibhalo, sisithembiso; kunye nomqondiso wokutsala umprofeti.

59 Kwaye emva koko, Wathi ngoku, phambi kokuba ehle aye ezantsi phaya, kwakufanele abe nanto ithile yokuzingqinela okokuba ngumprofeti, yabona, phambi kokuba bamamkele. Wathi, "Abayi kuthi iNkosi ibonakele kum."

60 Wathi, "Ngoko, Ndiyakukunika imiqondiso emibini uyenze, kwaye oko kuyakutsala umdla wabantu. Kwaye xa umdla wabantu utsaliwe, emva koko thetha la mazwi kubo, 'NdinguThixo ka Abraham, Isake noYakobi, kwaye Ndisikhumbule isithembiso saM.' Kwaye Ndithume wena ukuba ubakhulule, kwaye Ndiyakuba nawe."

61 Ingaba uqwalasele umqondiso wakhe wokuqala? Wayenazo zonke iintlobo zabalinganisi zayo. Wonke ubani wazama ukuphosa inyoka phantsi. Oko yi . . . Ukuba ayilobaleko lwabantu, andazi yintoni, yabona. Yabona? Kodwa hlobo luni lwelizwi ababenalo emva kwawo? Akhukho nto; izwi laseYiphutha lehlabathi. Nakuba kunjalo babenakho ukwenza umqondiso, kodwa babengenalo ilizwi emva kwawo, ukuwuxhasa. Kodwa uMoses waye no ITSHO INKOSI. Lowo yayingumahluko. Abalinganisi ekugqibeleni baqhubeka ixesha elide, kodwa ekugqibeleni boyisakala.

62 Ingaba niyazi iBhayibhile ithe oko kuyakwenzeka kwakhona kwimihla yokugqibela? "Njengoko uYanes noYambres bachasana noMoses, ke amadoda angqiqo ziqaqadekileyo ngokubhekiselele kwiNyaniso." Ngubani iNyaniso? UYesu Kristu yiNyaniso. Yabona? "Ingqiqo eqaqadekileyo ngokubhekiselele kwiNyaniso."

63 Ngoku uYehova uzakuthetha ngeLizwi Lakhe elithenjisiweyo. Kufanele ngoko Alungise lo mprofeti uthunyelwe ezantsi. Ngokuba, kwasoloko kusengcingeni Yakhe, indlela Yakhe yokwenza, lonke ixesha Úthumela umprofeti neLizwi, aze angqinele umprofeti.

64 Kwakhona, lona ngumqondiso othenjisiweyo. Umprofeti, ngokwakhe, ngumqondiso. IBhayibhile itsho njalo. Xa ubona amaxesha ephela, uze emva koko ubone kusiza . . . Thatha imbali yeBhayibhile, yifundisise. Nangaliphi ixesha ubona ukuphela kwexesha; kodwa nje xa ubona umprofeti evela, yayingumqondiso womgwebo. UThixo wayezakugweba ihlabathi, xa Wa . . . okanye isizwe, okanye abantu, xa wabona umprofeti esiza. Ndenza intshumayelo kuyo, nina benzi ziteyiphu niyakhumbula, i . . . *Umqondiso Wenene Ongaqatshelwanga.* Basoloko bengawuqapheli, basoloko benawo, kodwa yayingumqondiso wokwenza umgwebo.

65 Ngoku iLizwi Lakhe lizalisekisiwe ezwini Lakhe. Oko Akuthembisileyo, ngoko Uyakuzalisekisa iLizwi Lakhe ngezwi.

66 Ukuza komprofeti luphawo lwesilumkiso sokuba umgwebo ufikile. Yasoloko injalo. Mandicaphula nje ibenye.

67 Jonga kuNowa evuka ekugqibeleni, kwi—kwimihla kanogumbe, umprofeti eprofeta. Yayiyintoni? Umgwebo wantlitha kwangoko emva koko.

68 UMoses waya eYiphutha, ongqinelweyo umprofeti enemiqondiso yomprofeti. Kwenzeka ntoni? Umgwebo wabetha iYiphutha nje emva kwangoko.

69 U-Eliya uza embonisweni, umprofeti, aze aprofete ku-Ahabhi kunye nesa sizwe. Kwenzeka ntoni? Umgwebo wayintlitha kanye emva koko. Injalo.

70 UYohane umBhaptizi weza, engumqondiso. Wayengumprofeti. Wayengumqondiso womprofeti eze emhlabeni. Bazi, xa wezayo, uMesiya uzakuthetha, emva kwakhe. Kwakumele ibe njalo, kuba, afumane a—afumane abanyuliweyo.

71 Oko kwenzekela ukufumana abantu abanyuliweyo abaphumayo, njengakwimihla kaNowa. Njengemihla ka—ka Eliya, amawaka asixhenxe okanye amakhulu asixhenxe, nokuba yintoni eyayiyiyo, ababengazanga bagoba idolo labo, ukubakhupha. UYohane ebiza abanyulwa, aze abanikezele kuKristu xa Esiza, wanikezela ngebandla lakhe, wathi, "Ndifanele ndinciphe, Ufanele ande, ngokuba," wathi, "Ndililizwi nje Lakhe, lidanduluka entlango, 'tyenenezani indlela yeNkosi.'" Kwaye uYesu uza ngendlela ekwanye. Afumane abanyulwa balungele ukuva izwi likaThixo, yiloo nto umqondiso wesiprofeto uyiyo. Owu, ukuba uyayilandela le Miyalezo, afumane um-. . . afumane abanyulwa belungele. Hayi abanye, abasokuze bawuve. Ngabanyuliweyo ababiziweyo.

72 Yaya phi laa Ngelosi, eSodom, eyenza laa mqondiso? Ku Abraham neqela lakhe. "Hlalela kude eSodom; izakutsha!" Yabona? UYesu wathembisa ukuba iphinde, uyazi, kwakhona, kule Sodom. Ngoku qwalasela.

73 Yenza ntoni? Yenza abanyuliweyo balungele ukhuselo lukaThixo, njengexesha likaNowa, njalo njalo.

74 Kwaye yenza ntoni? Yohlwaya ongakholwayo wobukrelekrele, imse emgwebeni. Isoloko injalo. Ukwala inceba, akukho nto iseleyo kuphela ngumgwebo. Ke yenza o—okrelekrele kunye nongakholwayo alungele umgwebo. Ngokuba, yintoni abayenzayo? Bayayonyelisa.

75 Eso sisizathu amaYuda adla imizimba yayo. Esi sisizathu igazi laqukuqela liphuma esixekweni xa uTitus, injengele enkulu yamaRoma, yakhwela yangena apho, ngokuba bamala uMoya oyiNgcwele. Umgwebo kufanele ufike ngokuba benza intlekisa

ngaWo. UYesu wabaxelela, xa baMbiza uBhelezabhule, Wathi, “Ndiyanixolela,” isicamagushelo sasingekenziwa, “kodwa,” wathi, “xa uMoya oyiNgcwele ufikele ukwenza into ekwanye, ukuthetha ngokuchaseneyo naWo akusokuze kuxoleleke.” Kwaye esa sizukulwana zange saxoleleka. Injalo lonto.

76 Umgwebo kongakholwayo! Ibekelwe phaya ukwenza la njongo, ukunika ukukhanya kokholwayo, nobumnyama kongakholwayo. Njengoko njengeNtsika yoMlilo yayinjalo; Yenziwa ukukhanya, ukwenzela ukuwelela kumhlaba wesithembiso, nobumnyama kwabo bangazange bakholwe. Imiqondiso kaThixo yasoloko ikwenza oko, ikhuphe amehlo wongakholwayo, ize inike ukukhanya nokhanyiso lohambo kokholwayo. Yilonto kuthunyelwe kona Kona.

77 Ukuba isiprofeto sakhe sinyanisile, ukuba isiprofeto somprofeti sinyanisile size senzeke, ngoko sisilumkiso sikaThixo. Ngoku kwiNyumeri 12:6, siyafumana into ekwanye, iSibhalo.

78 IBhayibhile yayibhalwe ngala madoda. Ngoku ukuba siyafunda kuPetros weSibini 1:21, Ithi, “Amadoda amandulo, eqhutywa nguMoya oyiNgcwele, abhala iBhayibhile.”

79 Kananjalo kumaHebhere 1:1, apho sithetha ngobunye ubusuku, “UThixo, kumaxesha amandulo nangeendlela ezahlukeneyo wathetha koobawo ngabo abaprofeti, kule mihla yokugqibela uthetha ngoYesu Kristu, uNyana Wakhe.”

80 INtsika yoMlilo, umqondiso; izwi . . . okanye i—izwi lalizakuthetha. INtsika yoMlilo etyholweni, yayililizwi eliqaphelekayo lokuba uThixo ulungiselela ukuthetha.

81 Qwalasela ngokucacileyo ngoku, ungakuphosi oku. Xa uMiriyam wahleka umntakwabo, uMoses, kwaye wayengumprofetikazi xa wamhleka, waza uThixo wehla ekulaa Ntsika yoMlilo, uMoses wazi ukuba uThixo wayelungele ukuthetha. Yayingumqondiso. Kwaye izwi elawulandelayo, lathi, “Akumoyiki uThixo?” Lathi, “Akukho namnye emhlabeni onje ngomkhonzi Wam, uMoses.”

82 Benza into ekwanye xa bavukayo bathi kukho . . . Xa uDathan wavuka, naxa uKora, ngephike lakhe, “Kukho amaninzi angcwele amadoda kunawe. Ucinga ongokuphela kwakhe kweli gquba.” UThixo wayonyule uMoses ukwenza laa msebenzi!

83 Kwaye xa bafuna ukufumana elinye igquba lokuhamba nabo, bazenze umbutho, Wathi, “Zahlule kubo. Ndiyakubohlwaya nje. Ndiyakubaginya,” kwaye Wakwenza. Ihlabathi labafumana.

84 Ngoku siyafumana oko yasoloko iyindlela kaThixo. INtsika yoMlilo ibonakalisa iZwi lilungiselela ukuthetha. Owu, Texas,

ningamfamekiseka njani? Nisakhumbula iHouston. Ngoku nalo iZwi elilandela umqondiso.

85 UMoses, umprofeti ongumqondiso kuSirayeli, owathembisayo ukuba iLizwi lilungele ukungqinelwa.

86 Ligqibelele kangakanani iLizwi likaThixo, lukulungelelwano, ngalo lonke ixesha! Nje kanye iUrim Thummim, njengoko ndithethe ngalo, ngobunye ubusuku. I-Urim Thummim yayilapho, kwanye ngaphandle kokuba laa mqondiso weza kulaa Urim Thummim, izwi zange liqatshelwe. Kufanele kubekho umqondiso. Umqondiso ungqinela izwi. Kwaye izwi lingqinela umqondiso, okokuba usuka kuThixo. Izwi lomqondiso lilo elitshoyo "ewe" okanye "hayi." Ukuba uThixo ulalile, ngoko iZwi litsho "hayi." Ukuba umqondiso wawulapho, UThixo watsho "ewe." Ucwangco lukaThixo zange lwaguquka. Singahlala iiyure koko, kodwa alizange laguquka.

87 Jonga, uYona umprofeti, jonga kulaa mqondiso. Wayesendleleni yakhe eya eTarashishi. Waqalisa ukuya eNiniva, wathatha i—indlela eya eTarashishi. Abaninzi bayamohlwaya uYona. UYona akafanelwanga kugxekwa. Wayengumprofeti. "Iinyawo zamalungisa zikhokelwa yiNkosi," kwaye waqala endleleni yakhe eya eTarashishi. Kwaye sizama ukugxeka indoda, kodwa uYesu akazange.

88 Qwalasela, Wathi, "Njengokuba uYona waba sembilinini womnenga, iintsuku ezintathu nobusuku," yayisaya kuba ngumqondiso, "ke kufanele uNyana womntu abe sentliziyweni yomhlaba, iintsuku ezintathu kunye nobusuku. Kwaye esingcolileyo nesikrexezayo isizukulwana sifuna umqondiso, kwaye akusayi kubakho mqondiso unikezwayo kuso usuka kuThixo, khumbula, kodwa umqondiso kaYona." Yintoni umqondiso kaYona? Uvuko. Kwaye lena sesaa sizukulwana saseSodom, esikrexezayo, esikrexezayo ngomoya, se-. . . senza umbulo wokomoya ngokuchasene neNyaniso kaThixo, sihlekisa ngaYo. "Esingcolileyo nesikrexezayo isizukulwana siyakufunana nomqondiso, kwaye siyakuwufumana, iyakuba ngomqondiso wovuko." Jonga, uYona . . .

89 Bona abantu babengabahedeni, kwaye yayiyenkulu. . . Yayisisixeko soshishino. Ishishini elikhulu yayiyintlanzi. Babethumela intlanzi kulo lonke ilizwe. Amadoda ayengabalobi. Leyo yayiyimpangelo. Kwaye yayingabahedeni, babenqula izilwanyana nezithixo, baza bangcola kakhulu.

90 Nje ngesi sizwe ngoku, sizele ngabesondo kunye neHollywood, nazo zonke iintlobo, nkqu nakuwo amabandla. Kwaye qaphela okwenzekayo. Kutheni, ngamanye amaxesha nkqu nokubonakala ngokwesondo emabandleni kubizwa inkqubela phambili. Lingathini eli bandla ukuma phantsi kwento enje ngaleya? Nizibize njengamaKristu, kwaye nenze koko into enjengaleya, ingema njani?

91 Njengomhlobo wam olungileyo, uJack Moore, wathi, kwiminyaka eyagqithayo, “Ukuba uThixo uvumela esi sizwe sibhungce ngoku, Uyakubopheleleka, njengoThixo olilungisa, ukuvusa iSodom neGomorah, axolise kubo ngokubatshisa.”

92 Umiselwe umgwebo. Kukho ndlela yimbi yokuyamkela. Yibhaleni phantsi eziBhayibhileni zenu. Ndiya ekubeni yindoda endala. Uyabona ukuba ayiyi emgwebeni. Ukuba ndiphile ubomi obuqhelekileyo, ndiyakuyibona, ixesha eliqhelekileyo. Eminye embalwa iminyaka iyakuyijika.

93 UYona. Babephumile bonke beye kuloba. malunga nexesha lemva kwemini, kwaye naku kusiza uthixo wolwandle, phezulu, umnenga, wabalekela elunxwemeni watsica umprofeti wamkhuphela elunxwemeni. Onjani umqondiso!

94 UThixo wamzisa umprofeti Wakhe kunye nomyalezo. Ngoku bawubona umqondiso, bawukholwa umqondiso, ngoku yintoni umyalezo? “Guqukani!” Elo lilizwi lomqondiso. Izwi lomqondiso ngu, “Guqukani, okanye kwiintsuku ezingamashumi amane niyakutshatyalaliswa.” Bazi ngokwaneleyo ukuba baguquke.

95 Wathi uYesu, “Bayakusohlwaya esi sizukulwana, kuba baguquka ekushumayeleni kukaYona; omkhulu kunoYona ulapha.”

96 Izwi yiyingu, “Guqukani, okanye ngeentsuku ezimashumi mane niyakutshatyalaliswa.”

97 UYohane umprofeti, ebonakala, umqondiso wokubonakala komprofeti, emva kwamakhulu amane eminyaka ngaphandle komprofeti. Babenazo zonke ezobukrelekrele. Ndiyacinga enjani imbutyulelo abebenayo! Amakhulu amane eminyaka, kungekho mprofeti, kodwa ixesha lasondela lokuba uMesiya wayesiza. Ngoku, uYohane waye engumqondiso, ekubeni engumprofeti, wokuba uMesiya wayelungele ukuthetha, izwi lomqondiso; ngokuba, kuMalaki isi-3, siyafumana, “Ndiyakuthumela umthunywa waM phambi kobuso baM.” U-Eliya kwakufanele eze phambi kobuso Bakhe, kwaye u-Eliya waza. UYohane, ekumoya namandla ka-Eliya, waza wenza ngqo oko iSibhalo senzayo, kwaye zange bayiqonde. ISibhalo sitsho njalo. Waye engumqondiso, umqondiso mprofeti, wokuba uMesiya wayezakuthetha.

98 Laa mprofeti, esazi ngcono kakhulu, wade wathi, “Kutheni, kukho Othile omi phakathi kwenu, kanye ngoku. Laa Mesiya endithetha ngaye, uphakathi kwenu. Andifanelanga ukuthukulula izihlangu Zakhe. UnguLowo oyakubhaptiza ngoMoya oyiNgcwele noMlilo. Ndibhaptiza ngamanzi, kwinguquko, kodwa Uyakuba semva kwam. Uphakathi kwenu ngoku.”

99 Ngenye imini wabona iNdoda encinci, isihla. Wabona laa Ntsika yoMlilo, ikwimo yeHobe, isihla isuka eZulwini;

iZwi, lisithi, “Lona nguNyana waM oyintanda, endikholisiwe ukuhlala kuYe.” Lathi, “Endikholisiwe ukuhlala kuYe,” sisenzo nje phambi kwesihlomelo senzo, leyo yinto enye. “KuLowo eNdikholisiwe kukuhlala,” okanye, “KuLowo eNdikholisiwe kukuhlala,” ayenzi mahluko. Qwalasela, “Ndikholisiwe kukuhlala kuYe.”

100 UYohane wathi, “Ndinobungqina bokuba Lowo ondixeleleyo entlango,” hayi esikolweni sakwalizwi, “entlango, wathi, ‘Phezu kwaLowo uyakubona uMoya usehlela, uhlale kuye,’ amen, ‘NguLowo oyakubhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangoMlilo.’ Kwaye ndinobungqina bokuba yiNyaniso.”

101 Yayiyintoni? Laa mprofeti yayingumqondiso wokuba uMesiya wayelungele ukuthetha.

102 Yayiyintoni uMesiya? UMesiya yayiliLizwi, ligcwele. Wayeyinzaliseko kaThixo. Abaprofeti yayikukudanyaza okuncinci kokuKhanya. Kodwa kuYe yayikuko konke okwa kuKhanya, kwaku kulo Mesiya, ngokuba WayenguThixo obonakalisiweyo, enziwe u-Emanuweli, uThixo phakathi kwethu kwinyama yomntu.

103 UMesiya wayelungele ukuthetha. Kwaye qwalasela, iBhayibhile itshilo, okokuba, “ILizwi leNkosi liza kumprofeti.”

104 Ngoku apha kumi uYohane, owathi uYesu yayi “ngoyena mkhulu umprofeti owakhe waphila.” UYesu watsho njalo, uMateyu isahluko se-11, “Naphuma niyekujonga ntoni, indoda eshukunyiswa nguwo wonke umoya, *eli* hlelo lithi, ‘Ndiyakunika ngaphezulu; yenza *oku*’? Hayi uYohane! Hayi, hayi. Indoda enotyhalelwa phaya, enokuqathwa? Hayi, wayekrwada, umprofeti ongqwabalala. Ingaba niyekubona eyayivathiswe ngezambhatho zababingeleli?” Kwaye Wathi, “Hayi, bahlala kumabhotwe ookumkani. Batshatisa abasebatsha, baphuze iintsana, bangcwabe abadala. Elo luhlobo. Abazi nto malunga neKrele elintlangothi-mbini. Ke naphuma nisiya kubona ntoni, umprofeti?” Wathi, “Ongaphezulu komprofeti!” Kakade, wayengumthunywa woMnqophiso, wayethenjisiwe nguThixo ukuba amthumele.

105 Kwaye qaphela apha, uYohane emi emanzini, ebhaptiza, esithi, “Uyeza.”

106 Kwaye nali iLizwi, hayi ngaphezulu eZulwini, kodwa enziwe inyama. ILizwi yinyama, kwenzeka ntoni ngoko? Yintoni ucwangco lweSibhalo lukaThixo? ILizwi leza kumprofeti, kanye entlango, kanye equleni. ILizwi leza kumprofeti.

107 UYohane wakhangela phezulu, wathi, “Ndinesidingo sokubhaptizwa nguWe.”

108 Kwaye omdala, wam othandekayo, uGqirha Davis, umMishinari webandla laseBhaptizi, owandibhaptizayo kwinkolo yobuKristu, ukuba ulapha ngobubusuku,

andibhekiselelanga ekuviseni imvakalelo zakhe. Kuba, uhlala apha eTexas, ukhona apha esuka eDavis Mountains. Kodwa ndiyakhumbula thina sixambulisana ngayo laa mini, kwaye ndiyinkwenkwe nje. Kwaye ndathi, “Ayivakali lungileyo, Gqirha Davis.”

109 Wathi, “Kwenzeke ntoni, okokuba ngoko uYesu wabhaptiza uYohane, kwaza emva koko uYohane wabhaptiza uYesu, ngokuba uYohane wayengekabhaptizwa.” Yayingakhangeleki lungileyo kum.

110 Ndaqhubeka ndilindile, ndiqaphele, ndimangalisiwe. Ndandingayikutsho nto malunga nayo, kodwa ngenye imini xa iNkosi yayityhila.

111 Ngoku qaphela oko uYesu wakutshoyo. UYohane wathi, “Ndinesidingo sokubhaptizwa nguWe, kwaye kutheni Wena usiza kum?”

112 UYesu wathi, “Vuma ngoko, kuba kusifanele thina ukuba sizalisekise bonke ubulungisa.”

113 UYohane wayesazi Wayengubani Yena. Nazo iinkokheli ezimbini zehlabathi, iinkokheli ezimbini zebandla, uThixo nomprofeti Wakhe, zimi kunye. Ngoku, qaphela, kwakufanela bazi.

114 UYesu wathi, “Vuma ngoko, injalo lonto, kodwa kusifanele thina ukuba sizalisekise bonke ubulungisa, iLizwi elithenjisiweyo.”

115 IDini kufanele lihlanjwe phambi kokuba linikezelwe. UYohane wabhaptiza uYesu ngokuba WayeLidini. Yabona? IDini kwakufanele lihlanjwe phambi kokunikezelwa. Laphuma kanye phaya, kwaye iDini lalihlanjiwe, kwaze emva koko Wanikizelwa kakuhle. Wathi, “Leyo yiMvana kaThixo.”

116 Waya ngqo elunxwemeni, kwaye apha kuza uMoya kaThixo usehlela phezu Kwakhe, wathi, “Lona nguNyana waM endimthandayo.” Yabona, Wanikezelwa ngoko esidlangalaleni. Kodwa phambi kokuba iDini linganikezelwa, kufanele lihlanjwe kuqala; lowo ngumthetho weTestamente Endala. Kulungile.

117 UMesiya wayelungiselela ukuthetha, ngokuba apha yayingumqondiso womprofeti. Kwaye xa babona laa mprofeti esiza emboniswenі, emva kwayo yonke loominyaka imakhulu mane engekho, bazi, izwi elilandelayo nguMesiya.

118 Ngoku nina bafundi beBhayibhile cingani kuhhulu imizuzu embalwa. Ekuqapheleni indalo, bamphosa njani? Baphosa njani ukwazi ukuba yayinguye, uYohane? Imvelo yakhe yayiqondakalisiwe, umoya wakhe nemvelo yakhe yayiqondakaliswe ukuba ngu Eliya. Ngoku qwalasela onjani umoya. Ngoku, yayingu Yohane umBhaptizi, kodwa umoya ka Eliya wawuphezu kwakhe.

119 Qwalasela, kuqala, u-Eliya wayeyindoda ethanda intlango. Yabona? Kwaye uYohane wayeyindoda esentlango.

120 Kwaye u-Eliya wayeyindoda eyayisohlwaya laa nkqubo yombutho, kulaa mhla, kunye nako konke awayenako. Wenza njalo noYohane, "Nzala ndini yamarhamba. Ngubani onilumkisile ukuba nibaleke umsindo? Ningaqalisi ukuthi, 'Ndin*oku*, *okuya*, okanye *okunye*.' UThixo unako kula matye ukuvelisa abantwana u-Abraham." Yabona iimvelo ezimbini?

121 Kwaye khangela ku Eliya, wohlwaya bonke ooJezebhele abaqatywe ubuso bomhla wakhe, bona abafazi abaziphethe kakubi. Yintoni awayenzayo uYohane? Into ekwanye, kuHerodiya. Bobabini, yayingunobangela wokufa kwabo.

122 Khangela ku Eliya, emva kokuba ewenzile laa msebenzi mkhulu, wamatsheka, walala phandle phaya wathandazela okokuba uThixo amthathe. UYohane wenza into ekwanye, nkqu ukulala phaya wathumelela abafundi bakhe, wathi, "Yiyani kuMbuza. Ingaba nguLowo Yena okanye sikhangele omnye?" UYesu wayazi lonto.

123 Wayengu Eliya. Kwakufanele ibe yimvelo yakhe. Waqondakaliswa ngqo njengo Eliya wayenjalo. Wayekumoya ka Eliya.

124 Kufanele uze amatyeli amahlanu, laa moya, ukuze usetyenziswe: Eliya, Elisha, Yohane, Malaki isi-4, kuze emva koko kube kokwamaYuda. Imihla yokugqibela, sikuyo ngobubusuku, umoya ka Eliya. Qaphela ngoku.

125 Namhlanje, ndifuna nina nijonge kwabale mihla abaprofeti baka Ahabhi namhlanje, bevumela ooJezebhele babo bachebe iinwele zabo, baqabe ubuso babo, banxibe ezimfutshane, batshaye imidiza, yonke into, "Ilungile." Abowethu—abowethu u-Ahabhi abaprofeti banamhlanje, behamba nezikolo zabo, ngokuqinisekileyo, bebajikelezisa ngezenziwe ngumntu iimvumo-nkolo namahlelo. Yintoni? Abaprofeti baka Ahabhi.

126 Sidinga omnye uMikaya avuke embonakalisweni. Okanye ngexesha lika Ahabhi, u-Eliya eze embonakalisweni. Lowo nguye, othenjisiweyo.

127 Bebajikelezisa, nangayiphi indlela abafuna ngayo ukuya. Ukuba abafuni, babaphathe kakubi apha ndaweni ithile, bayakuya ngaphaya bajoyine *le* baze futhi bagcine okwabo—okwabo—okwabo ukuzibiza ngobuKristu.

128 Kuhle, zange basindiswe, kwasekuqaleni. Eyona mvelo yabo iyabonakalisa. Ingaba ungafumana idiliya kumthi onameva? Ingaba ungafumana ivatalamuni kumdiliya wethanga? Eyona mvelo ibonakalisa ukuba abafuni kwa nto yokwenza neLizwi. Bahlekisa ngaLo, kwaye balinyelise Lona. Ngelixa kubhaliwe, "ITSHO INKOSI, ezi zinto kufanele zenzeke," kwaye balihleke Lona, bahlekise ngaLo.

129 Akumangalisi uYesu wathi, “Ikumkanikazi yaseZantsi iyakuvuka nesi sizukulwana, kwimihla yokugqibela, isigwebe; kuba yeza esuka eziphelweni zomhlaba, ukuza kubona indoda enesipho sobulumko.” Wathi, “Omkhulu kunoSolomon ulapha.” Ngokuqinisekileyo. USolomon wayekho, umhla wakhe, yayingomnye wemikhulu imihla. Abantu bonke bakholwa sesi sipho awathi uThixo wabanika sona, lo Solomon, kunye neyakhe—neyakhe indumasi yaya kuyo yonke indawo. Kungathini ukuba thina bantu balo mhla . . .

130 Kwaye thina maMerika, sisoloko sizama ukufumana inkqubo ethile ngokuchasene nobukomanisi. *Nantsi* inkqubo kaThixo, “Guquka! Buyela kuThixo!” Ezinye inkqubo? Ukuba bebenokukwenza Oko, besiya kulibala ngobukomanisi.

131 Xa uSirayeli wakholelwa esa sipho awathi uThixo wasinikeza. Ukuba iMerika ibokuthi inike i . . . kholelwa isipho athe uThixo wasinika sona, le mihla yokugqibela, uNyana Wakhe, ekwimo kaMoya oyiNgcwele, wavuka ekufeni, ephila phakathi kwethu ngokwesithembiso Sakhe. Ukuba asikubuki Oko!

132 Iyakuya kuphela kwaBanyuliweyo. “Akukho namnye unokuza kuM ngaphandle kokuba uBawo waM amtsale yena. Kwaye bonke athe uBawo wandinika bona Mna, bayakuza.” Nje imbewu ihlwayelwa; iyawa, enye *ngale* ndlela nenye *ngala* ndlela, kodwa kukho imbewu ehlwayelwa, nakanjani. Iyakubambisa iingcambu zayo naphina apho ikhoyo. Bayakuyibamba.

133 Qwalasela, apha babelapha, kwaye siyafumana kula mhla, u-Ahabhi, isizwe bamenza uSirayeli enze naluphi uhlobo lwezinto abafuna ukuzenza, kodwa futhi besazibiza amaSirayeli.

134 Indlela laa Eliya wasohlwaya ngayo esa sizukulwana, ngako konke okwakukuye, kwaye uThixo wamngqinela. Kwaye wayengumprofeti.

135 Nje phambi kokuza, wenza njalo uYohane! Wahamba ngqo wenyuka kwaSirayeli . . . Wayetshate lo mfazi ku—kuHero- . . . kuHerode, umfazi womntakwabo uFilipu. Waya ngqo ebusweni bakhe; wayengazibandezi. Wayengoyiki omnye wabaphathi bafundisi wayezakumgxotha. Wayengenakhadi labudlelwana; kuphela enoThixo. Waye engumprofeti Wakhe. ILizwi lalinaye. Wayengadingi kuya kucela namnye ubhishop okanye amadikoni. Wayethanjisiwe. WayeneLizwi. Waye ngqo ebusweni bakhe, wathi, “Akulungile ukuba wena ubenaye!” Injalo. Engazibandezi, nakomnye.

Bona abafazi abangcolileyo besenza ukrexezo, beqhubeka!

136 Njengo Amos, xa esiza embonakalweni, wajonga ngaphaya. Asazi nkqu nalapho asuka khona. Bethu, kufanela wayenokujongeka njani phezu kweso sixeko saseSamari!

Njengabakhenkethi benzayo, konke kukuhle, nabashumayeli bonke bekwimvumelwano kunye ne—nesizwe, neqembu nesizwe nomntu wonke, kwaye futhi bephila esonweni! Amehlo akhe ancwinwa, intloko yakhe enempandla yabengezela, kwaye nako esiza esihla. Wayengena . . . wayengakhangeli kakuhle, kodwa wayeno ITSHO INKOSI.

137 Sidinga u-Amos embonakalweni namhlanje. Ingaba siyakumamkela? Ngokuqinisekileyo hayi, akukho ngaphezulu kokuba wenzayo. Uyakuza embonakalweni, uyakukrazula wonke umbutho, lonke ihlelo, wonke umfazi onxiba ezimfutshane, wonke uJezebhele onqothula iinwele. Uyakubakrazula babe ziziqwenga. Babeyakumkhabela ngaphandle estratweni, baze bathi, "Laa mbaxi mkhulu!" Kodwa ubeyakuba no ITSHO INKOSI, ngokuba kubhaliwe nje ngalaa ndlela. Ihlelo limamnkele? Hayi.

138 Wayengenamntu wakuxhasa inkqubo yakhe ngemali. Ingaba esi sikhulu, sihle isixeko se—senkanuko, njengeSamari sasinjalo, ingaba siyakumamkela lo mncinci ongaziwayo umfo engenakadi labudlelwana, kungekho mntu wokumxhasa ngemali, okanye nantoni? Wayengenayo nenye inkxaso mali. Wayengenalo nelinye ikhadi lobudlelwana, engenasikolo aphuma kuso. Kodwa waye eno ITSHO INKOSI. Kwaye ukuza kwakhe, njengomprofeti, yayingumqondiso. Izwi lakhe lalisuka kuThixo, kwaye laliqondakalisiwe kwimihla yokugqibela kaYerobhowam weSibini. Yonke into awayitshoyo yenzeka.

139 Ngoku siyafumanisa, lo mhla siphila kuwo, yimpinda nje kwakhona yokuya. Abalungiseleli nabantu, banentloni zokuma epulptini, kwaye i—iVangeli ibe litikiti lokufumana ukutya kubo. Bayoyika ukutsho nantoni, omnye umntu uzakubagxotha k*oku*, *okuya*, okanye *okunye*.

140 Inye kuphela iNdoda enokukhupha eZulwini, lowo nguThixo. Kwaye uzakukhutshwa njani eZulwini, uhleli neLizwi Lakhe? Yilonto Akuthumele ngenxa yayo.

141 Khumbula, iBhayibhile ithe, ngamaxesha anjalo njengoko kwakunjalo ngemihla ka Eliya, ngonjalo umhla njengoko kwakunjalo ngemihla kaYohane, olokuba uMalaki 4 uzakubuyela emhlabeni kwakhona. "Ndiyakuthumela u-Eliya."

142 Ngoku ungabhideki ngoku ngoMalaki 3, "Ndithumela umthunywa waM phambi kobuso baM." Lowo yayingu Eliya, ngokwakhe.

143 Kodwa kuMalaki 4, Wathi, "Nje phambi komkhulu owoyikekayo uMhla weNkosi ufike, xa umhlaba wonke uyakuvutha njengeziko, kwaye amalungisa ayakuhamba phezu kothuthu lwabangendawo," leyo yiMillennium, "Ndiyakuthumela u-Eliya umprofeti." Kwaye uyakwenza ntoni? "Uyakubuyisela ukholo lwabantwana emva kolobupostile booyise," emva eLizwini. Kuyakufanela abe ngumprofeti.

“Ndiyakumthumela.” Uyakuqondakaliswa ngokucacileyo. Imvelo yakhe iyakuba nye njengo Eliya wayenjalo, twatse. UMyalezo wakhe uyakuthi ngqo emgceni. Uyakohlwaya, akrazule. Angabi nabudlelwana, angabi nantsebenziswano, angabe nanto, kodwa uyakuba no ITSHO INKOSI.

144 Ngoku, khumbula, bekukho lonke uhlobo lwamaqela lumile lusithi, “*Lena* yingubo ka Eliya, kwaye *lena* yimfundiso ka Eliya.” Iqela lonke, umbutho, laba liqela lika Eliya, okanye ingubo ka Eliya. AyisosiBhalo eso. UThixo zange asebenze ngeqela elinjengeliya.

145 Xa u-Eliya wenza embonisweni, kunye noYohane umBhaptizi, bobabini bohlwaya amaqela nemibutho. Zange bakwenze. Wabohlwaya, indlela ebenza ngayo; u-Eliya noYohane, bobabini. Hayi iqela okanye ihlelo. Kodwa bobabini, kumaxesha abo bobabini, bohlwaya amaqela nemibutho.

146 Yintoni ngoko? Umqondiso wokuphela kwexesha ngokuqinisekileyo uyakukhapha iZwi lesiphelo sexesha. U-Eliya ufanele aze kwimbonakalo, indoda ethanjiswe ngala moya; indoda yamahlathi, nanjalo njalo, nomthandi woko, kwaye eze embonisweni ekungqineleni. Ngoku qaphela oko iSibhalo sikutshoyo ngoku, emva koko akusayi kukhohliswa, yabona, umqondiso wesiphelo sexesha kunye neZwi lesiphelo sexesha.

147 UThixo zange aqubisane neqela, naphina eSibhalweni. Uqubisana nesiqu esinye, ngokuba wonke umntu wahlukile komnye. Wonke umntu, oobhontsi bethu bohlukile, iimpumlo zethu zohlukile, izenzo zethu zahlukile. Ufumana indoda ibenye, Angayifumana ilungelelana ngokugqibeleleyo de ibe lelaLizwi.

148 Eso sisizathu uPawulos, wathi, “Ukuze ndingaziphakamiseli ngaphezulu kwesikhulu iSityhilelo, ndathunyelwa isithunywa sikaSathana.” Yabona? UMateyu wabhala, uLuka wabhala, uMarko wabhala, bonke, kodwa, babelandela nje uYesu babhale oko Akutshoyo. Kodwa Pawulos wayenesityhilelo sokuba Wayengubani Yena, yabona, leyo yinto a—awayibonayo. Isityhilelo sakhe sasisikhulu kakhulu, Wamenza wabhala iBhayibhile, njengoMoses weTestamente Entsha. La ndoda inkulu, uPawulos, esaa sityhilelelo eyayinaso, wazi ukuba uYesu weTestamente Endala yayinguYehova weNdala. Wayenesityhilelo saYo, kwaye enakho ukubeka kumaHebhere, ku. . .kwaye kananjalo ku—kumaRoma, nakuma-Efese, na—nakubo bonke. Wa—wabhala ezi ncwadi. Qwalasela, emva komqondiso Wakhe uphumile, emva koko wabhala iincwadi.

149 Olu hlobo lokuza luya kuba lunye. Ayisayi kuba liqela. Iyakuba yindoda enye. UThixo zange aqubisane nangenye indlela kuphela indoda enye. Ngoku, u-Eliya wayengeloqela, uYohane umBhaptizi wayengeloqela, babeziziqu ezinye.

UThixo, uMalaki isi-4, akathi, “Ndiyakuthumela iqela.” Uthi, “Ndiyakuthumela u-Eliya!” ILizwi alinakuguqulwa.

150 Ngoku, qaphela, umqondiso wexesha lesiphelo neZwi liyakuza kugcwangco lweSibhalo njengoko lathenjiswayo.

151 Sifuna ukwazi ukuba iyakuba yintoni umqondiso wesiphelo? UYesu wasixelela, kuMateyu ama-24 nama-25. Usixelela, kananjalo, kwiSityhilelo, kunye ngendlela yonke ukusuka kwisi-6 . . . okanye isi-1, kuyokutsho ngaphaya kwi, kuhle, isahluko se-10. Emva koko Uza kwisahluko se-19, iMillenium iyangena ekuzeni Kwakhe, ekhwele kwihashe elimhlophe.

152 Iyakuza, umqondiso wesiphelo sexesha. Ngoku phulaphula, ekuvaleni. Iyakuza nje ngqo ngendlela iSibhalo siyitshiloyo. Ngoku qaphela iZwi lomqondiso.

153 Ngoku, uYesu, kuLuka 17:30, wathembisa umqondiso wesiphelo sexesha. Umqondso wokugqibela, yayinguThixo ebonakaliswe ekumzimba womntu enokucalula iingcinga ezazisengqondweni kaSara, ententeni ngasemva kwakhe. Oko koko Wakutshoyo. Lowo ngumqondiso Awuthembisileyo ekupheleni. Yud- . . . Oko Akutshiloyo uyakukwenza? “Iyakwaziwa emihleni, kwimhla yokugqibela, xa uNyana womntu eyakutyhilwa.” Atyhilwe! Xa uNyana womntu atyhilwayo, lowo iyakuba ngumqondiso Ayakutyhilwa ngawo. Ngoku jonga ukuba Oko akuthethi lonto. Ngokuqinisekileyo kuyayenza.

154 Ngoku ungatsho, ukuba, “Hayi, iyakuba yinto engenye. Hayi, iyakwakha isakhiwo esikhulu, enkulu *lena*, okanye *lena*, okanye iqumrhu elikhulu likazwelonke, okanye enye”? Owu, hayi. Hayi, oko kokuphume ecaleni kakhulu. Oko kukwelinye icala. Kuchasene noko uThixo athe kuyenzeka, Uyakuyenza.

155 Qaphela oko sikutshiloyo ngoku. IZibhalo ziya kuba ngokuchanekileyo, kuba sinomqondiso weSodom, enyameni. Kwakhe kwakho phi abathandanayo besisini esinye, ugqwetheko nezinto, njengoko zikhoyo ngoku, “esingcolileyo nesikrexezayo isizukulwana,” xa ungenakho nokuvula umabonwakude wakho ngaphandle kukho uhlobo olumdaka, olunyhukunyhuku lwento yeHollywood? Kwaye abantu, bazibiza amaKristu, bayakuhlala ekhaya bangayi emhlanganweni womthandazo ukubukela lonto. Ibonisa ngowuphi umoya okubo. Injalo. Kwaye abafazi bayakunxiba njengabaya, kwaye amadoda ayakubakhokelela babajikelezise njengoko babesenze phaya. Ingaba sizakwenza iHollywood umzekelo wethu, okanye sizakukholelwa iLizwi likaThixo malunga nayo?

156 Kwaye ela qela linye lingalibona iLizwi likaThixo lingqinelwa, kwaye yintoni eliyenzayo? Liyihleke. Ngokuba, lifile, lifile ngoNaphakade. Zange laphile. Ukuba babekhe baphila, babeyakusoloko bephila, obunguNaphakade. Kodwa

zange baphila. Babesoloko befile. Owu, banga bahonjisiwe, kwaye bakholwa *oku*, *okuya*, okanye *okunye*.

157 UYesu wathi, "Nina bahanahanisi," kubo, kuba ababingeleli kulaa mhla. "Ningakutsho njani okulungileyo, ngelixa ekuphuphumaleni kwentliziyo uthetha umlomo? Nindibiza Mna olungileyo, 'Rabhi olungileyo, Mfundisi olungileyo'?" Wayesazi yintoni esezintliziyweni zabo. Wayenokubona okusentliziyweni yabo. Waye eliLizwi.

158 IBhayibhile ithe, "ILizwi likaThixo libukhali kunekrele elintlangothi mbini, kwaye licalula iingcingane ezisentliziyweni."

159 Ngoku, laa mqondiso weSodom ubuyile, enyameni. Kwaye ukuba yonke into ihleli kanye ngqo ngokusendaweni ngendlela efanele ibe yiyo enyameni, ngoko ungayigxeka njani, engcingeni yakho, okokuba okwasemoyeni akukho apha ngexesha elinye? Zombini izimiso zisemboniswen. Ehe, wonke ubani uyavumelana, okwasendalweni kulungile; kodwa, owu, emoyeni, abafuni kuyikholwa, ngokuba Iphazamisana nemfundiso yabo.

160 ULuka i-17 ngumqondiso. ULuka i-17 ngumqondiso wokuba uYesu watsho, ukuba, kwimihla yokugqibela, izizwe namabandla nabantu bayakuba njengokuba kwakunjalo eSodom, ihlabathi leNtlanga, nje phambi kokutshiswa kweSodom. Kwaye kuyakubakho iqela, likhangele, nje ngo Abraham. Libuyela emva, xa uYesu wathi, "njengoko kwabanjalo ngemihla yase Sodom," buyela emva ubone into ekwakuyiyo eSodom. Wafunda iBhayibhile ekwanye esiyifundayo, iBhayibhile ekwanye, ngoku buyela emva ujonge into ekwakuyiyo.

161 Apha yayiliqela elinyuliweyo, libizelwe ngaphandle, iqela lika-Abraham, babekhangela unyana wesithembiso. AmaSodomi ayengakholwa nto malunga nayo. Kwaye nalo elidikidiki, ilungu lebandla ezantsi eSodom. Jonga kwezo Ngelosi zintathu ezeza kuye ngamnye wabo, qaphela mqondiso mni ezawubonakalisayo, emva koko uyakubona mqondiso mni esiphila kuwo.

162 Ngoku, lowo iyakuba ngumqondiso. Kwaye izwi lomqondiso liyakuba nguMalaki isi-4, "ukubuyisela abantu emva kuKholo lwabapostile boobawo." Nanko umqondiso, nalo iZwi, ngokuchanekileyo ngokweSibhalo. Yabona? Umqondiso luphawo lokuba yayiseSodom, uThixo wabonakala enyameni yabantu.

Kwaye Wathi, "Uphi umfazi wakho, uSara?"

Wathi, "Usententeni, emva Kwakho."

163 Wathi, "Ndizakumtyelela ngokwexesha Endalithembisayo." Kwaye Wathi . . .

164 Kwaye uSara, emva, emva Kwakhe, wathi, “Ingenzeka njani, mna umfazi omdala, yena ixhego? Kwaye njengomfazi wam phandle phaya, ixhego,” wathi, “akukho nto injeya ngathi.” Wathi, “Ayinakho nje ukwenzeka.”

165 Wathi, “Kutheni uSara ethandabuza oko, esithi entliziyweni yakhe, ‘Zingenzeka njani ezi zinto?’”

166 Kwaye uYesu watsho ukuba oko kuyakubuya kwakhona. Ngoku, khumbula, u-Abraham wabiza laa Ndoda, “Elohim,” uThixo. UThixo kuyakufanela njalo. Kutheni? Wayenakho ukucalula iingcingane, kwaye Wayesexesheni ngokuchanekileyo. Kwaye u-Elohim, uMoya oyiNgcwele, (hayi omnye umntu) uMntu okwamnye ebuyela ebandleni kwaye uyakwenza into ekwanye, eyakuba ngumqondiso. Kwaye iZwi iyakuba, “Babuyisele emva eLizwini, buyisela uKholo lwabantwana kooyise.” Nanko umqondiso neZwi.

167 Imiqondiso isoloko isamkeleka, kodwa iZwi alinjalo. Abalithandi iZwi, kodwa bayakuwuthatha umqondiso. Kwasoloko, bayakuwuthatha. Bayawuthanda umqondiso, kuba bathanda ukujonga kuwo, ubonwabise. Kodwa, iZwi, abafuni uku—ukulenza. Khumbula ngoku iZwi.

168 Buyelani eLizwini kwakhona. Umqondiso kaYesu kaMesiya, ngokuka Isaya 35, “Isiqhwala siyakutsiba njengexhama,” kunye nako konke oku.

169 “Oku kwakumangalisa!” Owu, bakwamkela oko. Oko kwakukuhle. Bakukholelwa oko. Bawukholelwa umqondiso. “Yiza, Rabhi, ebandleni lam, siyakukunika intsebenziswano Wena. Ngokuqinisekileyo, siyakukholelwa Wena. Ongomangalisayo. UnguRabhi. UnguMprofeti omtsha. Ngena! Zonke iintlobo zentsebenziswano! Umqondiso uyamangalisa.”

170 Kodwa xa iZwi lathethayo, lathi, “Mna kunye noBawo siBanye.”

171 Owu, bethu, babengayi kukholelwa Oko. “Wena Uzenza uThixo.” Babengalifuni iZwi. Babewuthanda umqondiso. Bakwazi oko, bavuma yayingumqondiso kaMesiya, kodwa, iZwi, babengakuthandi Oko.

“Imisebenzi Endiyenzayo nani niya kuyenza.”

Kwaye bathi, “UnguBhelezabhule.”

Wathi, “Nzalandini yamarhamha.”

172 Owu, balithiya ela Zwi. Benza ntoni? Balikhuphela ela Zwi ngaphandle phakathi kwabo. BaMkhuphela ngaphandle.

173 Wathi uYesu, “Ukuba bambiza uMphathi wendlu, ‘Bhelezabhule,’ kobekelaphi indlela abayakubiza ngayo abafundi Bakhe?”

174 Khumbula, kwiSityhilelo isi-3, kwiSigaba saseLawodike. Lena yiLawodike; umqondiso weSodom kufanele uze. IZwi, "Buyelani emva eLizwini, kude kwezi mvumo-nkolo namahlelo, nize nibuyele eLizwini," xa Lisiza, ngokweSityhilelo isi-3, Wakhutshelwa ngaphandle kwebandla, nje kanye kwakunjalo ngoko.

175 "Umqondiso ulungile, kodwa hayi iZwi." Abafuni nto yakwenza ngeZwi. Hayi, hayi; iZwi. Kodwa uMoses wathi, ukuba abasayi, okanye . . .

176 Wathi uThixo kuMoses, "Abasayi kulikholelwa elazwi lowokuqala umqondiso, bazame kwizwi lesibini. Kwaye ukuba abasayi kukwenza okuya, emva koko yiya uyokufumana amanzi uze uwagalele phezu komhlaba." Oko kwayigqiba. Kuko konke. "Hlamba, uthuli u—uthuli ezinyaweni zakho," ngamanye amagama, njengoYesu watshoyo. Wathi, "Fumana amanzi emlanjeni, wagalele phezu komhlaba, aba ligazi, kwaye oko ukuba koko kuyakubaginya, egazini." Ke injalo ngqo into eyayiyiyo.

177 Ukuba babengawukholelwanga umqondiso, emva koko umqondiso wesithathu wabakho ngenene. Lonke ulungiselelo lunemiqondiso emithathu, ukuba uthunyelwa usuka kuThixo. UYesu wayenemiqondiso emithathu. UMoses wayenemiqondiso emithathu. UNowa wayenimiqondiso emithathu. U-Eliya wayenimqondiso emithathu. Yonke into iza iyimiqondiso emithathu. Qwalasela. Phulaphulani, zihlobo.

178 Kuba semva kwexesha kancinci. Ndi . . . Owu, bethu, bendingazi bekusemva kwexesha kanjalo, emva komkhono.

179 Ukuba ninokukholelwa umqondiso waseSodom, kaLuka, jonga, njengoko Wathembisayo; uyakholelwa umqodiso waseSodom, ngoko kutheni ungenakwamkela iZwi likaMalaki elilandela umqondiso, woku "buyela eLizwini"? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] IBhayibhile itshilo njalo, kwaye uyayibona, ngoko phulaphula kwiZwi lomqondiso.

180 Baleka umsindo ozayo! Sukucinga, "Ngokuba ndingowe UPC, Assemblies of God, Wisile, Bhaptizi, Rhabe, ndinelungelo lokungena." UThixo unako kula matye ukuvusela u-Abraham abantwana. Guqukela eLizwini! Buyela umke kwi ism yakho yobuhlabathi nenkqubo zombutho zakho, nezinto. UThixo uyakubatshabalalisa ebusweni behlabathi. Uyakubantywilisela emazantsi olwandle lokulibala, njengoko Wenzayo ngeYiphutha xa Wabiza uSirayeli, isizwe sikhutshwa esizweni. Xa Ebiza uMtshakazi emkhupha ecaweni, uyakugqitha kwiimbandazelo, kufunxelwe igazi lakhe emhlabeni. Baleka ingqumbo ezayo, kuba isondele!

181 Akunakubona izinto ngaphandle . . . Andazi ucinga ntoni malunga nabo. Ndinoxanduva kuphela ngokufunda ngabo nokuthetha ngabo. Kuxhomekeke kuwe! Ungakholelwa

umqondiso, ngoko ukholelwe iZwi elilandela umqondiso. Owu, bethu!

182 Jonga, uMoses, uhlobo lokuphuma ngoku. Wayefanele axelele abo bantu malunga nesithembiso esanikwa ooyise. "Ndisikhumbule isithembiso saM kooyise babo." Kwaye ngoku intoni—yintoni uMoses awayenzayo? Ukuguqula iintliziyo zabantu zibuyele koko ooyise bakutshiloyo. Kwaye njengoMoses wayenjalo ngoko, unjalo noMalaki 4, "ukuguqula abantu babuyele kuKholo looyise."

183 Zonke ezi mbindaniso zamahlelo, nanjalo njalo, buyela eLizwini! Ndiyanazi, abantu abaninzi bayathanda ukwenza oko; andingxolisi nje nina apha. Ezi teyiphu zijikeleza ihlabathi, jonga, ndawo zonke. Andingxolisi nina, kodwa ndingxolisa nabani ekunguye, apho iyeyakhona. Ndingumtyali Mbewu. Kuko konke endikwaziyo emakwenziwe. Kuxhomekeke kuwe ukwenza isigqibo. Balekani umsindo ozayo, bantu!

184 Sukucinga ngokuba ungowakwaMoya. Sukucinga ngokuba unyoko wayelungile, ongcwalisiweyo umWisile, okanye utata wakho ongolungileyo, okhwazayo umBhaptizi. Sukucinga oko kuyakubanento yokwenza nani. Sukucinga ngokuba ungowecawa abathe bayakhe, okanye icawa oyakhayo ngoku. Sanukucinga ngokuba nina bakaMoya nithetha ngeelwimi kwaye nixhentse nikuMoya, nibaleke nihle ninyuka umgangatho, amashumi amane eminyaka eyagqithayo. Sanukucinga ngokuba ninemihlangano yempiliso, nanjalo njalo.

185 Sanukusilela ukubona laa mqondiso, weNtsika yoMlilo, athe uThixo wayingqinela; neZwi emva kwaLo, ukubuyela ku, emva kuThixo. SanukuYivumela inigqithe. Nanko umqondiso neZwi.

186 Xa indoda ivuka nomqondiso, esidala esikwasinye isikolo somqondo, kukho into engalunganga, ayisuki kuThixo. Owu, bethu! "Yenza iindlela Zakhe zithe tye ngoku!" Ngoku, niyayikholelwa lonto? "Ngoko buyelani, Owu zimfama nabachithwa chithiweyo, nibuyele kowenu." IBhayibhile . . . Umbhali ngoma wathi:

> Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
> Imiqondiso eyaxelwayo yiBhayibhile;
> Iintsuku zeeNtlanga zibaliwe, nezihlungisayo izixakaniso;
> "Buyelani, Owu bachitha chithiweyo, buyelani kowenu."

187 Buyelani emva! Buyelani emva! Umprofeti wathi, "Iyakuba kukuKhanya ngexa langokuhlwa." Nje phambi kweLanga libemnyama thsu, kuyaba kukuKhanya. Hamba ekuKhanyeni ngelixa kusekho ukuKhanya. Emva kwethuba iQumrhu likaZwelonke liyakukufumana, kwaye akukho ndlela yokuKhanya ngeloxa.

Masithobiseni iintloko zethu.

188 Bawo waseZulwini, kusezandleni Zakho ngoku. Ndi—ndihlwayele iMbewu. Andazi apho Ziwele khona. Ndiyathandaza ukuba Usikelele Zona naphina apho Zikhoyo. Kwaye zange Zingafumana indawo Yazo kude ezantsi, kwaye unyothule zonke iindawo ezingamatye, nazo zonke ezingcambu zomthi olukhuni, njengoko kwakunjalo, ususe konke ukungakholwa endleleni. Siphe oko, Bawo. Sinikela kuWe oku ngoku, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

189 Ngeentloko zenu zithotyiwe, amehlo enu evaliwe. Ngomso ebusuku litheko. Aboni besixeko, ndiyaku . . . iNkosi ithandile, ndiyakufanela ndithethe kubo. Ndithetha kumxube werhamente ngoku. Ndiyakufanela ndithethe oku; ibenza nje bamfameke ngakumbi, kumhlangano ofana nalo.

190 Kodwa, nina, ngobubusuku, niyakholwa ukuba nibone umqondiso, kwaye ningaliva iZwi, ukuba unakho kwaye uyakholwa? Kwaye a—akukayenzi, uyakholwa kodwa akukaLamkeli okwakalokunje, uKristu esekupheleleni Kwakhe, ungasiphakamisa isandla sakho? Kwaye yenza yonke intloko ithotywe ngoku, nalo lonke iliso livalwe. Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule mna, Mzalwana uBranham, njengoko uthandaza." Ndiyakukuvuyela ukukwenza oko. UThixo akusikelele.

191 Bawo wethu waseZulwini, iBhayibhile ithe, "Kwabhaptizwa isininzi njengoko bakholwayo." Ndiyathandaza, Nkosi, okokuba aba bantu abaphakamise izandla zabo, okokuba bayayikholelwa. Ababhaptizwanga kubhaptizo lobuKristu, banga bangafumana ibandla elikwenzayo oko, baze babhaptizwe. Siphe oko, Nkosi.

192 Banga bangangabhaptizwa nje kuphela ngamanzi, ntoleyo ekuphela ko—komqondiso wangaphandle wokuba okuthile ngaphakathi kwenzekile. IBhayibhile yathi, "Lunye uKholo, inye iNkosi, lunye ubhaptizo," kwaye olwabhaptizo lubhaptizo ngomoya. Umzimba ekubeni uhlwanjwa, lubonakaliso nje, okanye ukunika umqondiso wokuba okuthile ngaphakathi kwenzekile. Kodwa ngulaa mphefumlo ofanelwe kukubhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele, oko kukuza koNaphakade kulamvelo yobuntu ize iyiguqule, ukuyenza ikholwa. Ndiyathandaza ukuba bayakwamkela uMoya oyiNgcwele. Ndiyabayalela kuWe ngoku, njengezithsaba zoMyalezo, nezenceba kaKristu. EGameni Lakhe, ndiyathandaza. Amen.

Ngoku ngeentloko zenu zithotyiwe, ngesithozela.

193 Ndimizuzu esixhenxe kuphela, a—andikwazanga ukuphuma ngexesha. A—a—andikwazanga ukuba nomgca wokuthandezela kwela xesha lingakaya. Ndizakunicela nihlale kanye apho nikhoyo. Ndiyaxolisa ngokunigcina kube semva kwexesha.

Siyakuthandazela wonke umntu. Nina bantu, abanye benu phandle phaya abanamakhadi okuthandazelwa, ningakhathazeki, sizakufika kuni.

194 Kodwa sizakubona nje ukuba uMoya oyiNgcwele uyakutyhila kuthi ngoku, ukuba uyakholelwa kuYe kwaye uyakholelwa ukuba lona ngumqondiso. Khumbulani, iNgelosi, Yayingumntu; Yatya, Yasela phambi ko Abraham, kwaye noko Yayinakho, waza uSara emva ententeni, Yayinokucalula iingcinga ezazisentliziyweni yakhe. Lowo yayingumqondiso. YayiliLizwi. Ngoku ukuba iLizwi lingeza kuphela kuthi, ngoko, kananjalo, Wathembisa ukwenza kwa oko kunye.

195 Ngoku nina phandle phaya esihlwelweni, abangenamakhadi okuthandazelwa, kwaye niyazi anizukubasemgceni, andinakucalula ngowuphi onguye ngaphandla iNkosi iyakundibonisa. Ndiya . . . Kwaye niyakholwa okokuba uThixo uyaphilisa ngenene abagulayo. Ndi—ndifuna nina ni—nikholwe kanye ngoku, okwemizuzu embalwa. Kwaye nithandaze nje, nithi, "Nkosi uYesu, ndiyayazi la ndoda, ethethayo, yi—yindoda, kodwa indixelele ukuba, isixelele ngobubusuku, yaqinisekisa kuthi; ukuba, uMoya oyiNgcwele, okokuba ilizwe alinakubulala."

196 Babenokumbulala uYesu xa Wayesenyameni; bambulala Yena. Kodwa ngoku Uvukile, kwimo yozuko, Akanakubulawa kwakhona. Kwaye Wathi, "Kuselixeshana elifutshana lize ihlabathi lingaNdiboni. Kodwa, nina," abamiselwa ngexa elingaphambili, abo bamiselwa kuBomi obunguNaphakade, iBandla, uMtshakazi, "niyakuNdibona, ngokuba Ndiyakuba nani, nkqu ukuba kuni, kude kube sekuphelisweni. Izinto Endizenzayo niyakuzenza nani." Zonke ezi zithembiso Wazenza.

197 Ngoku, ndiyazi ngelixa Wayelapha emhlabeni, Yena, uThixo wayekuYe. Waye enguThixo. Wayeyingqibelelo kaThixo. Wayelilo lonke iLizwi likaThixo lenziwe labonakaliswa.

198 Kwaye iBhayibhile isenguThixo, iLizwi, kwaye kusekho esinye isityhilelo ekusafuneka sityhiliwe. Kwaye Wathi, "Kwimihla yokugqibela, xa ihlabathi liba nje ngeSodom kwakhona, uNyana womntu uyakutyhilwa." Kwaye umqondiso weSodom uyakubuyela, ngoko iZwi liyakubizela libuyisele abantu, abo bonyulelwa uBomi.

199 Siyazi, xa Wayelapha, kwakukho izigidi zabantu emhlabeni, abangazange bazi ukuba Wayelapha; akukho sizathu sokwazi. Yabona? Uza kwabo bonyulelwa kwangaphambili ukulibona lona.

200 Ngoku uyathandaza. Ngoku zolani ngenene. Sanukushukuma. Naphina apho nikhoyo, ebhalkoni, kwimigangatho esenzantsi, naphina apho nikhoyo, sanu—sanukushukuma, hlalani nje nizole, nithandaze.

201 Yithini, “Nkosi uYesu, iBhayibhile ithe, kumaHebhere isi-4, okokuba Wena unguye ngoku ‘uMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa zizilwelwe zethu.’ Kwaye siyakubona Wena emhlabeni, xa Wena wawulapha emhlabeni, umfazana omncinci ngelinye ixesha wachukumisa ingubo Yakho, waza Wena wajika, wathi, ‘Ngubani oNdichukumisileyo?’” Wazimela umfazana, kodwa ukholo lwakhe lwaqondwa. UYesu wamxelela malunga nethombe legazi, wathi olwakhe “ukholo lumsindisile.” Ngoku iseNguye uMbingeleli oMkhulu. Ukuba iseNguye izolo, namhlanje, naphakade, Uyakufanele enze kwangendlela enye, ukuba wena—ukuba wena uMchukumisile.

202 Kwaye kwenza ntoni okuya? Kufanele kubekho inyama yomntu, emhlabeni, ukuthetha iZwi Lakhe. “NdinguMdiliya, nina ningamasebe.” Akukho ndlela ngapha kwayo, zihlobo. SiSibhalo nje. YiNyaniso. Nina balungiseleli kholelwani oko, emva phaya? [Abalungiseleli bathi, “Amen.”—Mhl.]

203 Ngoku phandle phaya, zolani ngenene nithandaze, nithi, “Nkosi Yesu, mandichukumise ingubo Yakho.”

204 Kwaye uyabona oyena usondeleyo kum, ziinyawo ezingamashumi amabini okanye ngaphezulu. Andazi nomnye umphefumlo phaya. Andikwazi nokubona namnye endimaziyo ngenene, ngobubusuku, ehleli phaya; ngaphandle ngoPat Tyler ehleli apha ngaphambili, umhlobo wam. Kukho abantu koomondlalo, nakumanqwanqwa okulalisa.

205 Sibona inqwanqwa lokulalisa lavuleka kubusuku obugqithileyo, yaze indoda yaphakama yemka yahamba. Kutheni ningenzi nonke, ngobubusuku? Yabona, kholwa nje, kuko konke ofanele ukwenze. UBukho Bakhe buyakuyenza. Ulapha, nizakufanela nime ngakuYe ukuze anivuse kwimihla yokugqibela.

206 Ngoku, nina bakholwayo, nabacinga ukuba niyathandaza, jongani nje ngale ndlela ngoku.

207 NjengoPetros noYohane bathi, “Jonga kuthi.” Kwaye bajonga ngentembeko, indoda yenza njalo, ilindele ukubona okuthile. Wathi, “Isilivere negolide andinayo, kodwa endinako . . . ”

208 Ngoku, impiliso andinayo, kodwa endinako, isipho esisuka kuThixo, ndikunika sona. Ukuba ungayikholelwa nje, uThixo uyakuyisebenza. Ndinicela nje niyikholwe. Endinako, ndininika kona. Ukuba uyayikholwa, uThixo uyakuyisebenza. Yizame nje.

209 Apha, apha Ikhona kanye ngoku. Amen. Ndiyakuthanda oko. Kukho inenekazi lihleli kanye apha. Liluhlobo olunzima, lihleli kanye apha ekupheleni. Unalo ikhadi lokuthandazelwa, nenekazi? Uhlobo lubunzima . . . Akunalo i . . . Kanye apha, akunakhadi lokuthandazelwa? Ewe. Akunalo ikhadi lokuthandazelwa? Uyakholwa, nakanjani? Akulidingi ikhadi lokuthandazelwa, ukuba uyakholwa.

210 Kukho ukubetha sibuye isandi selizwi, eso sisizathu kunzima ukubiza abantu ngoluhlobo, kodwa zamani ukumamela kum ngokuzondelela eninokuba nako ngoku.

211 Andikwazi. Akunakhadi lokuthandazelwa, ngoko ke akusayi kuba seqongeni. Ukuba uThixo uyatyhila kum yintoni ingxaki yakho, ingaba uyakukholelwa ukuba (intoni?) iyakuba yinto ekwanye nje ngohlobo Atyhile ngayo kumfazi iyintoni ingxaki yakhe? Umfazi equleni? USara, into awayithethayo, nanjalo njalo? Ingaba uyakholwa koko? Uyakholwa ukuba iyakuba yelungileyo yonke?

212 Ugula ngemeko yegazi, okuthile okungalunganga ngegazi lakho. Ukuba oko kunjalo phakamisa isandla sakho. Kunjalo. Akunaso ngoku. Ijika ibe kukuKhanya phezu kwakho. UYesu Kristu ukuwongile.

213 Ngoku, zange ndimbone lo mfazi, ebomini bam. Ngoku yintoni leyo? Ifanele ibe nguMoya. Ngoku ungatsho njengabaFarisi, "Elo lidemoni," kuhle, ufumane umvuzo wabo. Uthi, "NguKristu," ufumana umvuzo kaKristu. Ndiyakholwa ukuba liLizwi liqondakaliswa kule mhla wokugqibela; hayi mna.

214 Apha, apha lelinye elincinci inenekazi lihleli kanye phantsi apha. Ligula ngemithambo edumbileyo emilenzeni yalo. Linengxaki enzima. Linengxaki yentliziyo. Liyathandazela othandekayo, lowo ngubhuti. Liyalila ngoku. Likuqhagamshelo. Laa bhuti usengxakini kakhulu. Yingxaki yeswekile. Kwaye, kananjalo, ubhuti unesinye isithunzi, ungumoni. Kwaye uthandazela yena. Injalo lonto. Nkosazana Welton, ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, uThixo uyakumenzela. Uyayikholelwa? Lawo gamagama akho.

215 Ngoku ingaba oko kungaphezu kunoko uYesu wakutshoyo kuSimon, "Igama lakho nguSimon, ungunyana kaYona"? Yiba nokholo nje. Sukulithandabuza. Likholelwe ngentliziyo yakho yonke. Ukuba uyalikholelwa, uThixo uyakuyenza yenzeke. Ukuba nje . . .

216 Apha, apha linenekazi elincinci lihleli kanye ngapha, lijonge kanye kum apha. Uluhlobo oluneenwele ezibomvu. Iinwele zalo zitsalelwe ngasemva.

217 Anikuboni na okwa kuKhanya, hlobo elimthubi, kusenza isangqa phezu komfazi? Uyazi iyenzeka kanye ngoku, kuba uyavakalelwa yiYo. Isondele kakhulu kuye, akanakuzincede ekungavakalelweni yiYo. Ingaba injalo, nenekazi, phakamisa isandla sakho. Nanko ke.

218 Ngoku ndingongaziwayo ngokugqibeleleyo kuwe. Andazi nto malunga nawe. Kodwa ubuhleli phaya uthandaza. Injalo lonto. Ukuba injalo lonto, wangazelisa isandla sakho *ngolu* hlobo. Ngoku, ukuba uYesu Kristu nguNyana kaThixo, ntoleyo Ayiyo, uMbingeleli oMkhulu ehleli kwisandla sokunene

sikaThixo . . . Kwaye ndimile nje apha ngesipho, nesiqu sam nding- . . . phandle kwe, nje phandle kokuqiqa kobuntu, hayi ukuzingela ngokunokwam; indlela yoziphumlisa ingqondo yam nokucinga, kunye nje nokuvumela uThixo angene. Uyayikholelwa ukuba Yena . . . Mna, uThixo uyazi andikwazi; kwaye uyazi into ekwanye. Ke ukuba uThixo uyakutyhila kum ingxaki yakho, okanye okuthile okulindeleyo, okufunayo, okanye okuthile ngaphezulu, uyakholwa ukuba uThixo uyakwenza, angakwenza oko?

219 Unengxaki nomqolo wakho. Leyo yenye yezinto ozithandezelayo. Kwaye unengxaki ngamehlo akho. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuziphilisa azenze ziphile? Uyakwenza? Uyakwenza? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ungubani wena? Nksk. Hallman, uyakholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku, unganako oko ukuceleliyo. Uyakholwa?

220 Nanku umfazi omdala ehleli nje iindlela ezincinci emva kwakhe phaya. Uyathandaza, naye. Uneswekile. Ndiyathemba akakuphosi oku. Ilapha kanye. Unobudalana. Nje umzuzu, yanga iNkosi ingandinceda ngoku. Yena . . . Nako uyibambile. Kulungile. Ndiyabona ebekuqhagamshelo. Akangowalapha. Usuka eLouisiana. Isixeko sakhe—sakhe indawo ebizwa iSinger, Louisiana. Kwaye ugula ngeswekile. Igama lakhe nguNksk. Doyle. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Ndingongaziwayo ngokugqibeleleyo kuye, zange ndimbone ebomini bam. Kodwa uYesu Kristu, uNyana kaThixo, wazi konke malunga naye.

221 Kukho inenekazi lihleli emva phaya, lisuka kwisixeko esikwa sinye, indawo ebizwa iSinger. Ugula luxinzelelo oluphezulu lwegazi. Kwaye igama lakhe nguClark. Uyakholwa, Nksk. Clark? Kulungile, ungazuza oko ukuceleliyo.

Niyakholwa? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

222 Nanko umqondiso! Phulaphulani kwiZwi! Guqukani, buyelani kuThixo ngokukhawuleza eninokuba nakho! UYesu Kristu ulapha kuMandla ovuko Lwakhe; esingcolileyo nesikrexezayo isizukulwana samkela umqondiso kaYesu Kristu ephila phakathi kwabantu. Wayengenakwenza oko ngokusebenzisa mna, ifanele ibe nguwe, nawe. Yabona, umfazi uchukumise ingubo Yakhe. Ufanele uchukumise ingubo Yakhe. Sizizixhobo nje.

223 Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ngoku ukuba niyakholwa koko . . . Bangaphi abayikholelwayo, phakamisa izandla zenu, *ngolu* hlobo, nithi, "Ndiyayikholelwa ngenyaniso."

224 Ngoku ukuba uyayikholelwa, uYesu ukutshilo oku, "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; ukuba babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila." Uyakholwa koko?

225 Ngoku kusemva kwexesha. Asinaxesha. Siyimizuzu engamashumi amabini anesihlanu ngoku de ibe lishumi.

Ningabeka nje izandla zenu omnye phezu komnye, ngoko? Nize nenze nje njengokuba ndinixelela ngoku, bekani izandla omnye phezu komnye.

226 Ngoku niyazi, kumgangatho ongasentla, naphina apho nikhoyo. Ngoku niyazi, njengoko nantoni ngoku, emva kweSibhalo sishunyayelwe saza saqondakaliswa ngokucacileyo yonke indlela kuso sonke esi sakhiwo.

227 Ndibona omnye, kanye ngoku. Yabona? Kunye nomnye kanye apha, ingxaki yeprostate. Inenekazi lineTB. Uh-huh. Yithi, Ukho endaweni zonke ngoku, kodwa Iyakuphelelisa ngamandla.

228 Yintoni umahluko, yintoni okungaphezulu? Ubona amashumi amahlanu, okuthile phaya kokuya, kwaye ufuna ukubona amashumi asixhenxe kwixesha elizayo. UYesu wakwenza oko ngelinye ixesha eSychar, kwaye isixeko sonke samkholelwa Yena. Babeqaphele laa Mesiya.

229 UMesiya ulapha, uMoya oyiNgcwele, uMesiya walo mhla; uMesiya owenza iLizwi lingqinelwe, ngesithembiso Sakhe.

230 Ngoku ndifuna ngamnye kuni, njengoko nibeke izandla omnye komnye, ukuba niyakholwa. Ngoku akufuni kuthandazela isiqu sakho. Uthandazela la mntu, kwaye bazakuthandezela. Ngoku, iLizwi elikwalinye elathembisa oku kwimihla yokugqibela, lithembisile kananjalo . . .

231 Kwaye khumbula, uYesu wathi, "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo." Ukuphilisa, ukubuyela emva, lizwi lokuba umqondiso uqondiwe. Babeka izandla zabo kwabagulayo, njengomqondiso; izwi ngu "haleluya, iNkosi indiphilisile!" Ngoku ukuba lemiqondiso ikhapha izwi, laa mqondiso, ukuba ulikholwa, iyakukhapha. Izwi liyakukhapha umqondiso.

232 Ukuba unika lo mqondiso, endinixelele yona ukuba isuka kuThixo, kwaye uThixo uyithembisile kulo mhla; ibe ibekwe kakuhle kakhulu, akukho nto kuphela ongakholwayo anokwenza ingakholwa. Yabona? Ngoko uThixo wajika wayingqinisisa, ukuyenza ibe njalo. Ngoku Úlapha.

233 Ngoku ngamnye, ngendlela othandaza ngayo ecaweni yakho, ukuba kukuwe, ngokukhwaza, nantoni eyiyo, uthandazela umntu obeke isandla sakho kuye, kuba bayakuthandazela.

234 Kwaye ngoku bheka phezulu. NaseBukhoneni bukaMesiya, uKristu, Lowo Ovukileyo, osaphilayo emva kwamawaka amabini eminyaka, singathini ukuba ndindisholo eMoyeni? Oko kufanele kubeke esi sizwe ekuVutheni. Kufanele kwenze iBeaumont iguquke, ngezirhwexayo nangothuthu. Kodwa ingayenza lonto? Hayi.

235 Kodwa nina bakhangela Yena, kwaye nikholwe ukuba Uyakuyenza alingcine iLizwi Lakhe, kukuni ngoku isithembiso

sinikeziwe. Bekani izandla zenu komnye nithandaze, ngelixa ndinithandazelayo ukusuka apha.

236 Nkosi uYesu, okwaneleyo kuthethiwe, okwaneleyo kwenziwe. ILizwi elithenjisiweyo lenziwe labonakaliswa. UMesiya, uKristu kaThixo, ukuBukho obuNgcwele. SiyaMva ngemvakalelo. SiyaMbona. Siyazi ukuba Ukuthembisile oku kwimihla yokugqibela. "Njengoko kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo xa uNyana womntu etyhilwa." Ngoko, siyazi.

237 Siyabona i—imililo ezibhakabhakeni, iziqhushumbiso ze-atomic. Siyabona izizwe ezidliwe yinkumbi, izizwe ziyaphuka. Siyabona ukuba uSirayeli uselizweni lakhe. Wonke umqondiso onokuthenjiswa, uzalisekisiwe. Okulandelayo nguNyana othenjisiweyo, Esiza.

238 Owu Thixo onguNaphakade, ebuKhoneni bukaYesu Kristu, omkhulu uMoya oyiNgcwele okhoyo apha ngoku engqinisisa ukuba Úlapha, yiva imithandazo yaba bantu, yiva lamaKristu; okokuba, xa ndisimka, abayikuthi, "UMzalwana uBranham wenze oku." Othile ongomnye abebengamazi, ubeke izandla kubo, baza baphila. Kodwa Úthembisile ukuba iZwi linomqondiso kulo. Kwaye banga bangaphiliswa, njengoko ndibanikela kuWe, ngeGama likaYesu.

Izwi LoMqondiso XHO64-0313
(The Voice Of The Sign)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesihlanu, ngoMatshi we-13, 1964, kwiholo likaMaspala eBeaumont, Texas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org